INtetho yoHloniphekileyo uNkulumbuso uNoxolo Kiviet engoBume bePhondo leMpuma Koloni, ngowe- 17 Februwari 2012

Somlomo oHloniphekileyo kunye neSekela lakho

Amalungu esiGqeba soLawulo

Iintsapho kunye namagqala alwela inkululeko yesizwe

IiKumkani zethu zonke nooNdlunkulu bazo

Amalungu eNdlu yoWiso Mthetho yePhondo

AbaThunywa beNdlu yeBhunga yeSizwe yamaPhondo

AbaPhathiswa kunye nooSekela baPhathiswa

Amalungu eNdlu yoWiso Mthetho yeSizwe

OoSomlomo abavela kwezinye iziNdlu zoWiso Mthetho zamaPhondo

USihlalo weSALGA – eMpuma Koloni

OoMeya abakhulu, ooMeya kunye nooKhansila

USihlalo weNdlu yeeNkosi eMpuma Koloni

Iinkosi ezikhoyo phakathi kwethu

Iinqununu zeeYunivethi kunye neenkokheli zamaZiko emfundo ephakamileyo

Iinkokheli zeeNkolo, zoosomashishini nezabantu ekuhlaleni

Amalungu eCandelo lezeeNkundla, kunye neeNtloko zeenkonzo zokhuseleko

Amalungu ozakuzo kunye nabameli besizwe

AbaPhathi Jikelele kunye namalungu aphezulu olawulo

Amalungu ezopapasho

Umlisela nomthinjane wakowethu

Manene nani manenenkazi

Mandithathe eli thuba ndibulise iinginginya zabantu bethu abaphulaphule le ntetho kumajelo osasazo, kubandakanywe zonke izitishi zosasazo kweli Phondo, iTru FM kunye no-Umhlobo Wenene. Mandibulise kubantu abathe ngqwadalala kwiHolo loLuntu laseMbhongweni eMbizana; kwiHolo loLuntu laseQumrha; kwiYunivesithi yaseFort Hare eDikeni; kwiZiko leThusong eTombo ePort St. Johns; kwiHolo loLuntu laseKuyga eBhayi; kwiHolo leDolophu e-Elliot; kwiHolo luLuntu laseNtokozweni e-Ugie; kwiShowgrounds e-Arbedeen; kunye nakwiHolo loLuntu laseDimbaza eQonce.

Ndiyabulisa mawethu kuni nonke, kuzo zonke ezo ndawo nikuzo! Ndiyanibulisa sizwe saseMpuma Koloni neendwendwe, bantwana babantu abamnyama! Kuluvuyo kum ukunibulisa ze ndenze le ntetho kule ndibano.

Somlomo oHloniphekileyo, Malungu aHloniphekileyo kunye nabemi besizwe seMpuma Koloni, kulo nyaka, intetho yethu kule ndlu ithe yangqamana nemiBhiyozo yokuqala yemiNyaka elikhulu yoMbutho weAfrican Congress. Emva kweminyaka elikhulu, lo mbutho usaphila kwaye ukhokele umzabalazo ongazenzisiyo wenkululeko egqibeleleyo yeenginginya yabantu ukusuka kubukholoniyali, ucalulo, ubukhapitali kunye nengcinezelo ngokwesini.

Indima yobukhokeli kunye nokuzincama kwabantu baseMpuma Koloni kubhalwe phantsi. Kungekho nexhala lokuphikiswa, siyakwazi ukwenza ibango elivakalayo lokuba inkululeko exhanyulwa ngabantu boMzantsi Afrika isukela kwigalelo elingazenzisiyo loonyana neentombi zethu. Sithatha eli thuba sivuyisane ne- ANC, kwaye siza kuthatha inxaxheba ebonakalayo kwizinto ezenziwayo xa kuphawulwa leMinyaka eliKhulu, kubandakanywa ukufumana i-ANC's Centenary Flame, eza kuthi ifike kweli Phondo ngoMeyi.

Somlomo oHloniphekileyo, kungoko sikwazi ukubulisa ngebhongo izizukulwana kunye neentsapho zabo balwela inkululeko kweli phondo, abanye babo bakhona pha kwigalari namhlanje:

- Usapho lobalulekilyo wesizwe sethu, uMongameli wokuqala wolawulo lwesininzi eMzantsi Afrika uMongameli uNelson Mandela;
- Usapho lukaOR Tambo;
- Usapho lukaWalter Sisulu;
- Usapho lukaMongameli wesibini weRiphabhlikhi, uMongameli uThabo Mbeki;
- Usapho lukaChris Hani;
- Usapho lukaGqi AB Xuma, uMongameli wesithandathu we- African National Congress;
- Usapho lukaRobert Resha;
- Usapho lukaRobert Sobukwe;
- Usapho lukaSteve Biko;
- Usapho lukaMeshack Pelem;
- Usapho lukaDuma Nokwe;
- Usapho lukaMfundisi James Calata;
- Usapho lukaGqi James Zwelinzima Njongwe;

- Usapho lukaGqi Walter Rubusana;
- Usapho lukaTiyo Soga;
- Usapho lukaSEK Mqhayi;
- Usapho lukaJohn Tengo Jabavu;
- Usapho lukaCecilia Makiwane;
- Usapho lukaRaymond Mhlaba, iNkulumbuso yokuqala yePhondo leMpuma Koloni;
- Usapho lukaJames Kati;
- Iintsapho zamaxhoba endyikityha yase-Ingquza Hill; kunye
- neentsapho zamaxhoba endyikityha yaseBulhoek.

Olu ludwe kakade aluphelelanga apha njengoko emaninzi amagama abalulekileyo kweli Phondo lethu esinokuwakhankanya. Siza kuthi apha enyakeni, njengoko sibhiyozela le minyaka elikhulu ye-ANC, siqhube ngokuthi sibhekise kwabo babalulekileyo kuquka uNtsikane kaGabha, uAdam Kok, uMolly Blackburn, uSarah Baartman kunye nabanye.

Bathandi bezwe lakowethu, ndicela ukuba sithathe eli thuba sibhekise iminqonqo ezantsi xa sikhumbula iinkokheli zethu, amatsha ntliziyo kunye namadoda noomama abaphawulekayo beli Phondo abathi basishiya kulo nyaka ugqithileyo, abo baquka *uMawetu Conjwa, uHenri Fazzie, uNowongile Cynthia Molo, uRegina Nzo, uNombulelo Mabandla, uSolomzi "Solly" Lamani, uLulama Masikazana, uSolly Tyibilika, uLinda Tshiki, uBilly Simenukane, uBilly Shiyane, uPumeza Lose, uMxolisi Gumenge, uNoncedo Ngqondi, uVusumzi Nakani, uZithulele Sinqe, uHappy Boy Mgxaji, uDanie Koeberg, uArie Koeberg, uKumkani uMaxhobayakhawuleza*

"Zanesizwe" Sandile, uNosithile Bulehluthi (nee Mandela), kunye noMfundisi uSipho noNkosikazi wakhe uNontando Qona.

Somlomo oHloniphekileyo, lo nyaka uphawula umbindi wexesha lolawulo lalorhulumente. Ndiyavuya ukwazisa ukuba ikho inkqubela esiyenzileyo malunga nokuphunyezwa kwemiba ebalulekileyo karhulumente esasithe sayichaza ekuqaleni kwexesha lolawulo. Izicwangciso zethu ezininzi kunye neengcebo zisendaweni kwaye iinzame zethu kunye nezixhobo zokusebenza zingqale ekukhawuleziseni *kophunyezo kwanokusebenza.*

Ekudaleni **imisebenzi enesidima kunye nokukhulisa uqoqosho,** kukho amanyathelo athe athatyathwa, kuqukwa ukwandiswa kunye nokutshintshwa kwemizi mveliso kweli phondo; inkxaso kwiinkampani eziphantsi konxinzelelo; uphunyezo lwenkqubo yemisebenzi kwiphondo empawu zayo iliCebo lokuVuselela ngoBonelelo mali kunye nemiSebenzi ePhondweni. La manyathelo enzelwe ukudala imisebenzi eyomeleleyo kumbindi wodaba lukarhulumente.

Ngokwenene onke amaphulo okudala imisebenzi amele ukujongwa ngokomxholo weenzame kwezoqoqosho kuqukwa nolwethu.

Phakathi konyaka ka-2009 kunye ka-2011, iMpuma Koloni ithe yafumana ukukhulula kwezoqoqosho okufanayo nako konke oko kwenzekayo kwisizwe. Nangona uqoqosho luthe labonisa okomelela kanye ngexesha lobuthathaka kwezoqoqosho kunye nokunyuka phakathi kuka- 2010 kunye nesiqingatha sokuqala sonyaka ka-

2011, nangona kunjalo luye lwacotha ukusuka kwi-4.8% kwisiqingatha sokuqala sonyaka sika-2011 ukuya kwi-1.4% kwisiqingatha sesithathu sonyaka. Nangona kunjalo, xa ithelekiswa nobuzaza kubuthathaka bezoqoqosho naphina kwilizwe, amanani eMveliso yeLizwe Jikelele (GDP) abonisa ukuba kweli xesha okona kwehla kwe-GDP eMpuma Koloni kuye kwangaphantsi kakhulu kunoko bekuthekelelwe.

Njengoko kuchaziwe kwiNtetho enguBume beSizwe eyenziwe nguMongameli JG Zuma kule veki iphelileyo, amanani akhe avela kwiZiko loBalo i-Statistics South Africa kwisiqingatha sesine abonisa ukuba ukungabikho kwemisebenzi kweli lizwe kuye kwancipha ukusuka kuma- 25% ukuya kuma-23.9% ngenxa yemisebenzi emitsha edaliweyo, kwaye ngonyaka ka-2011, sisixa sabantu abangama-365 000 abathe baqeshwa. EMpuma Koloni, inqanaba lokungabikho kwemisebenzi liye lehla lasuka kuma-29.9% ukuya kuma- 27.1%, oku kutsho ukuthi kusephezulu. Nangona kunjalo, siyavuya ukuchaza ukuba kumgomo wokuveza amathuba emisebenzi engama-94 504 eyathi yapapashwa kwisiGaba sesi-2 seNkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente, eli-110 472 ethe yadalwa kweli Phondo. Ngokufanayo, abantu abangama-2 622 e-EPWP abaxhamleyo kwiphondo liphela abathi baqeqeshwa kwizakhono zobuchule kunye nezobomi kule nkqubo. Kulo nyaka mali uzayo umgomo wethu kukudala amathuba emisebenzi ali-116 958.

Ngaphandle kokungazinzi kwezoqoqosho kwinkangeleko yehlabathi, siyavuya ukuchaza ukuba ii- IDZ zethu ezimbini zithe zangenisa utyalo mali olufunwayo kwiphondo. EyaseMonti i-IDZ ithe yafumana

abatyali mali babucala abaxabisa ama- R4.063 ezigidi zezigidi kwicandelo lezothutho, kwezamanzi, kwimveliso yezolimo, ukuphinda kwenziwe kombane kunye namacandelo eNkqubo yoShishino yokuFuna izakhono ngaphanndle. Kwesi sixa, ama-R3.3 ezigidi zezigidi zabelwe iiprojekthi ezimbini zokuphindwa kwenziwe umbane eBerlin, kunye neprojekthi ye-Ikhwezi Photovoltaic. Kucacile ukuba ingqwalasela yethu ijonge kuqoqosho kuluhlaza kuyaqala ukubhatala izahlulo.

I-Coega IDZ ngoku inabatyali mali abasebenzayo abangama-21, abathi bamele ama-R1.24 ezigidi zegidi kwicandelo labucala lotyalo mali. Kude kube ngoku iCoega IDZ ithe yadala imisebenzi kwezokwakha engama-3645, kunye nama-2985 emisebenzi engqalileyo. Ukongeza apho, iCoega IDZ ineeprojekthi ezizayo ezixabisa ama-R7.6 ezigidi zezigidi ezithe zaphunyezwa. Omakuqwalaselwe kwezi projekthi lutyalo mali lweFAW kwezothutho ama- R1 ezigidi zezigidi oluzakuthi lutyale imali ngokuthe ngqo. Umbhiyozo wokuguqula isoyi kule projekthi uza kwenziwa ngomhla wama- 28th February 2012.

NgoBonelelo mali looKopolotyeni, olwaziwa ngokuba yi-Imvaba Fund, siyabaxhasa ookopolotyeni kweli phondo. Ukukhutshwa kwesi sibonelelo kuhamba kwireyithi eyi- R1.4 yesigidi ikupu nganye, ze ama- R300 000 ibekwe ukuqalisa ze i- R1.1 yesigidi ibekelwe umsebenzi weprojekthi. Kuzokuthi ga ngoku zingama-46 eekupu ezisekiweyo kwaye kukho nabatsha abali-16 abathe baxhaswa.

IZiko leYunivesithi yaseFort Hare looKopolotyeni linika iinkqubo zokuxhobisa kookopolotyeni kweli phondo. Nangona kunjalo,

siyayazi indima ekumele isetyenzwe ngamasebe karhulumente ekuxhaseni icandelo elincinci lamashishini ophuhliso, kuqukwe ookopolotyeni. Kule indawo, umyalelo ongqingqwa uthe wakhutshwa ukuba kohlwaywe amagosa karhulumente aphezulu athi angahlawuli kwamsinya abo banikezela ngeenkonzo. Siza kukhuhlana amagxalaba ne-Arhente yeSizwe yoPhuhliso loLutsha ukuqinisekisa ukuba ulutsha luyafikelela kumathuba ophuhliso loqoqosho kweli phondo.

Somlomo oHloniphekileyo, amaphulo karhulumente okudala imisebenzi ayalandelwa kummandla **wolwakhiwo lweziseko zoluntu nezoqoqosho.** Kule veki iphelileyo uMongameli upapashe amaphulo amaninzi olwakhiwo ajongise ekukhuliseni uqoqosho lweli lizwe.

Xa ebhekisa kweli lethu iphondo, uMongameli uthe wapapasha ukuba "kwicandelo elalisaya kubizwa ngokuba yiTranskei apha eMpuma Koloni, *sizimisele ukwakha idami kwiliso loMlambo Umzimvubu njengeliso, ukuze kwandiswe imveliso yezolimo"*

Sesilwenzile uphando nzulu lwale projekthi, kwaye upapasho lukaMongameli luluqilima kwaye lubonakalisa ngokucacileyo ukuba izakuya ekuphunyezweni. Ezinye iiprojekthi zophuhliso lwezakhiwo ezilungiselela amanzi kuquka ukucocwa kwamanzi kukhutshwa ityuwa eBhayi kunye nasePort Alfred nayo ekwisigaba sophando kukhangelwa ukuba kuyimfuneko na; Ukulungiswa kwezikimi zonkcenkceshelo zemimandla eyayingoozimele geqe, nako okwenziwayo; idami phezu koMlambo weGqili, apho indawo sele ichongiwe kanye ekudibaneni komlambo iKrayi kunye neGqili.

Sinothethwano noRhulumente waseFree State malunga nokwabelana ngamanzi kunye nezixhobo zophuhliso kwiDami i-Gariep.

Siyalwamkela upapasho lukaMongameli oluthi mayela nobucigogo bezakhiwo *"siza kuphuhlisa amaZantsi eMpuma ezakuphucula imveliso kunye nezolimo kunye nokuthengiswa ngaphandle kwempahla kummandla weMpuma Koloni, kunye nokwandiswa komdibaniso wezoqoqosho namalungiselelo kunye noMtla Koloni ne KwaZulu-Natal."*

Ngenene ukwandiswa okuqhubayo kwezibuko laseNgqura, kuza kunceda ngendlela entle kweli phulo, kuba kufuna ukubeka iZibuko leNgqura njengendawo yokufikela iinqanawe zamazwe e-Afrika.
u-Transnet uzimisele ukusebenzisa imali engangama-R20 ezigidi zezigidi kwizakhiwo ezisisiseko zezibuko, iindawo zokubekwa kweezikhongozeli, iindawo zokubeka umthwalo omninzi, indawo yokuhambisa imanganisi, kunye neendawo zokugcina ulwelo oluninzi.

Okunye okubalulekileyo ku-Transnet ngumzila odibanisa i- Ngqura neGauteng ozakuthi uhambe indlela ende uhlanagisa iMpuma Koloni kuqoqosho lwesizwe. Siyabuvuyela ubunkokheli obuqinileyo bukaMongameli ekuzibaluleni kwiiprojekthi eziyindibanisela kwezoqoqoqsho kuqukwa iPetroSA Project Mthombo ezakuthi ipapashwe kutsha nje.

UTransnet uzimisele ukukhulisa iZibuko laseMonti othe wafaka imali yokusebenza engama- R2.3 ezigidi zezigidi kule minyaka mihlanu ezayo.

Oku kubonakalisa ngokucacileyo kwimizamo yokuloba urhulumente wesizwe kunye namaqumrhu alawulwa ngurhulumente ukuba atyale kwinkqubo yethu yophuhliso lwezakhiwo kuba oko kuveza iziqhamo ngoku.

Ubugqina boku bubonakala kwintsebenziswano phakathi koRhulumente wePhondo kunye neSebe lesizwe loPhuhliso lwamaPhandle kunye noLungiso loMhlaba ngokwenziwa kwebhorho phezu koMlambo uMbashe ukuya eMvezo. Ngokufanayo, siye saqukumbela iingxoxo kunye no-ESKOM kutyalo mali olungaphezulu kwe- R10 zezigidi zezigidi kulwakhiwo kulungiselelwa umbane kweli phondo kule minyaka emithandathu ezayo. Oku kuquka ukutshintshwa kombane kumasipala waseNelson Mandela Bay naseBuffalo City Metropolitan, kunye nokomeleza uhlanganiso kweKwaZulu-Natal – neMonti oko kuza kuthi kuphucule ukuhanjiswa kombane eMthatha kunye nakwiphondo liphela. Ukususela ngoku, siyavuya xa sichaza ukuba ummandla we-Alfred Nzo uzakuthi ufumane umbane ku-ESKOM eMpuma Koloni, hayi eKZN njengoko bekunjalo. Njengenxalenye yeProjekthi kaMongameli yokuHlaziywa kweKSD, uyilo olunobu goci goci bezakhiwo zaseMthatha lugqityiwe, kwaye amacandelo sele eqalisiwe. Oku kuquka ukuphuculwa kwesikhululo seenqwelo moya, ukuvulwa kwebhlorho kuN2 kunye nokuphuculwa kweendlela zaseMthatha nezingqongileyo.

Somlomo oHloniphekileyo, ngokumalunga neziseko zendlela, indlela uN2 Wild Coast iza kuxabisa malunga ne- R9 lezigidi zezigidi, kwaye oko kuvunyiwe ngurhulumente wesizwe, oko kuza kuqala nje ukuba amalungiselelo egqityiwe. Kuthekelelwa ukuba le projekthi iza kudala imisebenzi ethe ngqo egqithileyo kuma-6 800 kwaye ivulele iWild Coast kunye needolophu ezifana ne- Port St. Johns kutyalo mali kunye nophuhliso loqoqosho.

Nangona kunjalo, ngoku urhulumente eququzelela ulondolozo lwendalo, sinoxanduva lokuthantasisa ukhuseleko lweendawo ezibuthathaka zokusingqongileyo ezinophuhliso loqoqosho kunye nokudalwa kwemisebenzi.

Ukungqina ukuqiniseka kwethu silungisa iindlela, sithelekisa iindlela zethu eziyitha kwezo ziyigrabile kwiphondo lethu, sinentsebenziswano neSebe lesizwe lezoThutho kunye neSANRAL ukuba sithomalalise unxinzelelo kwingeniso yephondo malunga nokugcina iindlela ezibalulekileyo zilungile. Samkela ukuphuculwa okongeziweyo kweendlela zesizwe kweli phondo, eziquka icala lendlela uN2 phakathi kweQonce kunye neRhini, phakathi kweDutywa kunye noMthatha, kunye naphakathi kweMount Ayliff kunye neKokstad. Inkcazelo ebanzi ngotyalo mali kulwakhiwo lweendlela iyakunikwa nguMphathiswa xa esenza intetho yomgaqo nkqubo.

Somlomo oHloniphekileyo, unikezelo lwezindlu ezisexabisweni kunye neenkonzo ezimayela noko kuhleli kungumba obalulekileyo nofuna ingqwalasela ekwakhiweni kweendawo zokuhlala ezilungileyo. Kulo

mba, siyavuya xa sichaza ukuba izindlu ezingama- 8 303 zigqityiwe kwaye enzingama- 7 870 zonka zikumanqanaba awohlukileyo olwakhiwo.

Ngaphaya koko, iiyunithi ezingama-2 397 zithe zakhiwa njengenxalenye yephulo lokulungisa kwisizwe kulo nyaka mali umiyo. Xa sisiya phambili siza komeleza uququzelelo kwicandelo lezezindlu; ze siqwalasele iimfuno zezindlu kumagqala emfazwe; kwaye siququzelele ukubakho kothutho lwelindle apha ephondweni. Siyayivuyela imeko yokuba amaphulo ethu ezindlu zokuhlala afana ne- Emerald Skies kunye ne-Reservoir Mews ayaqhuba ukufumana ingqwalasela kwisizwe njengoko kubonakalisiwe kutyelelo oluninzi elwenzekileyo kweli Phondo ukuze kufundwe ngezi projekthi.

Somlomo oHloniphekileyo, kummandla **wophuhliso lwamaphandle, utshintsho kwezolimo kunye nokhuseleko lokutya,** siye sazimisela ekubeni sisuse indlal emaphandleni kwaye siphucule impilo yabantu kwimimandla yasemaphandleni. Ukuze siphelise oku, siye sagqiba ekubeni, sikhokelwe liCebo loPhuhliso lwamaPhandle, ukuba masiseke iArhente yoPhuhliso lwamaPhandle, kunye nokunika inkxaso kumaphulo ezolimo athile.

Ngokwenene, nangona siye safumana ulibaziseko ekusekeni i-Arhente yoPhuhliso lwamaPhandle, phofu ebelubangwa kukufuna inxaxheba yoluntu, ingqiqo yeearhente zophuhliso lwamaphandle sele ihambele phambili kakhulu.

Ukusetyenziswa koMthetho wooKopolotyeni waseMpuma Koloni weziMali zasemaPhandleni, i-ASGISA-EC izakudityaniswa kwi-ECRFC

ze kwenziwe iArhente entsha yoPhuhliso lwamaPhandle ngomhla woku-1 ku-Epril 2012. I-uyunithi yeMpuma Koloni yobuChwephesha obuFanelekielyo izakudityaniswa kwiSebe loPhuhliso lwamaPhandle kunye nokuTshintshwa kwezoLimo. Ngaphaya koko, siye sandisa isiza sophuhliso lwamaphandle esiqale kuMasipala weNgingqi waseMhlontlo ka-2009, kunye nakwabanye oomasipala abalishumi elinanye kweli Phondo. Sele kukho imisebenzi edaliweyo engaphezulu kwama- 600, kanti ngaphezulu kwama- 2 400 emizi ethe yaqeqeshwa ekwenzeni iigadi zemifuno kunye nokubiya.

Somlomo oHloniphekileyo, ukuvuselelwa kwezikimu zonkcenkceshelo kweli Phondo, okuxhaswa ziinjongo zolimo, kuqhuba kakuhle. Kude kube ngoku, iihekthare ezingama- 978 zomhlaba zithe zatyalwa, imisebenzi engama-205 yethutyana kunye nengama-75 yemisebenzi esisigxina edalwe eNcora, eQobo qobo kunye nakwiSkimi soNkcenkceshelo saseShiloh, ngokulandelana kwazo. Ezi zikimu zonkcenckeshelo ziza kuphunyezwa nentsebenziswano kunye neSebe lesizwe loPhuhliso lwamaPhandle kunye noTshintsho loMhlaba kunye nooMasipala beeNgingqi ababandakanyekayo. Njengenxenye yokuxhasa imveliso enkulu yexabiso, kulandelwa utyalo mali lwama- R30 ezigidi kwimveliso yamapayina kunyaka mali ka-2011/12, imisebenzi eli- 1500 yadalwa.

Malunga neziseko zolimo, ama-319 km ohlaba olimekayo kunye namadlelo uthe wabiywa kunye kwakhiwa iiyunithi ezili-18 zokuzisa amanzi.

Utyalo mali kwiziseko zolimo lulindeleke ukuba ludale amathuba emisebenzi engama- 1264 kunyaka ka-2012/13, ezizakuthi zibonelele ama-8 592, amafama amancinci kunye namafama oshishino. Mayela nokhuseleko lokutya, ama-6 800 eehekthare zomhlaba uye watyalwa kulo nyaka, kwaye ixabiso layo lokuthengiswa kukhuseleko lokutyalo ithekelewa kuma-
R 41 ezigidi. Ukusebenzisana kunye neSebe loPhuhliso lwamaPhandle kunye noTshintsho loMhlaba, siye sasungula indawo yokuvelisa amafutha enqwelo kumazele eKaladokhwe. Utyalo mali oluthekeleweyo lungama- R2 ezigidi zezigidi kwaye luya kudala imisebenzi engama- 13 000 kubufama, ukuvunnwa, imveliso kunye nothutho.

Somlomo oHloniphekileyo, kubalulekile ukuba siqonde utshintsho kunye nophuhliso lwamaphandle njengendlela elungileyo eqhubekayo eMpuma Koloni. Kule meko, ndifuna ukuqondisa ukuba iSikolo saseThree Crowns e-Emalahleni esithe saphumelela iimbhasa ezininzi zasemazwe aphesheya kukhuseleko lokutya olugcinekayo kunye nombane ophinda uveliswe. Ndifuna kuphawulwe iphulo leYunivesithi yaseFort Hare Agri-Parks eDikeni kunye naseGcuwa. Ezi projekthi ziyafana kwaye kufuneka zivavanyiwe apha ephondweni.

Siyayamkela ingxelo evela kwiKhomishini yokuBangwa kwemiHlaba ethi, kumabango angama-17 814 enziweyo, ama-17 175 athe abhatalwa kungoku nje, ngoko sekukhutshwe imali enganga-R1.8 ezigidi zezigidi kunikwa abo babangayo.

Sifuna ukuvuyisana noluntu lwaseBalasi, kwaTyutyu kunye naseSikhobeni ngempumelelo yokusombulula umba wamabango obo. La mabango aquka izindlu ezingama-750 oko okuthe kwafunyanwa ngabantu abangama- 2 090 kuxabise ama-R66.9 ezigidi. UMPhathiswa uza kwenza unikezelo olusesikweni olusisivumelwano ngomso.

Somlomo oHloniphekileyo, siqhuba sisazi ukuba imfundo sisisxhobo sokuphelisa intlupheko kunye nokungaphuhli. Kude kube ngoku, **umsebenzi wokomeleza ezemfundo kunye nokuxhotyiswa kwizakhono zolawulo lwabantu ezisisiseko** sihlala ziyimiba ebaluleke kakhulu.

Kwaye siyayazi imingeni ejongene nezemfundo kweli phondo kwaye andizongena nzulu kule Ndlu ngenkcukacha zemiceli mngeni. Nangona kunjalo, ndifuna ukuqinisekisa kuni Malungu aHloniphekileyo kunye nabemi beli phondo ngeenzame zethu ezingagungqiyo ukuba sizisombulule iingxaki ezikwinkqubo yezemfundo.

Ngenxa yoku kwazisa, siye samisela isiCwangciso sokuJika izinto kwezemfundo ukusuka kunyaka ka-2010, okuthe kwaqiniswa kukuphunyezwa kongenelelo ngokwemiqathango yecandelo le-100(1)(b) loMgaqo siseko. Njengenxalenye yolu ngenelelo, ikomiti yabaPhathiswa kunye nabaPhathiswa bamaSebe kungoku nje iqwalasela uphunyezo lwemimandla ebalulekileyo emithandathu echongiweyo.

Siza kuqhuba siphucula ukujongwa kwesicwangciso sokujika izinto ngaxesha nye siza kwenza intsebenziswano ebanzi yoluntu kujongwe kumba omnye wezemfundo. Siye sathatha inyathelo lokuqala sibhekise kulo mba omnye wemfundo ngomhla wesi- 8 ka-Februwari 2012 xa besityikitya isivumelwano kunye nemibutho yoluntu ephantsi kweCOSATU. Kwenye yezinto esi sivumelwano sithi:

> *"La maqela avumelene ukuba imibutho inenxaxheba ebalulekileyo ukufuneka iyidlalile ekusombululeni imingeni. Umbutho wabasebenzi bemizi mveliso uzimisele ukuphucula ikwaliti yenkonzo eya ebantwini. Njengoko imibutho ithe yazimisela ukuba ityale umoya omtsha kwimibutho yabasebenzi bemizi mveliso kunye nabasebenzi jikelele. Isithethe esitsha esisekwe kwiinqobo zeBatho Pele siyafuneka ngokukhawuleza kweli phondo ukujika isithethe esikhoyo esasifumana kwimbali yethu. Kule meko imibutho ikhuthaza iphulo lokufunda nokufundiswa kunye nesivumelwano semfundo esisiseko."*

Esi sivumelwano siye siphendule inxalabo yethu yokwehla kwinqanaba lokuphumelela kwabafundi bematrikhi ngo-0,2% kunyaka ka-2011. Nangona kunjalo, siye saqwalasela ukuba sincoma ukuphucuka kweziphumo zenqanaba lesiGaba lesi-3, ekuFundeni, kwiziBalo, oko kuye kwarekhodishwa kuVavanyo loNyaka lweSizwe kunyaka ka- 2011 kunaxa kuthelekiswa nenkqubo yohlolo ka- 2007. Siza kuyiqinisa le nkqubo ukuphucula indlela yokufunda nokubala kwimfundo yamabanga aphantsi.

Somlomo oHloniphekileyo, nangona kunjalo imingeni esibhekisa kuyo, inani elivakalayo kwimimandla yokuhanjiswa kweenkonzo kwezemfundo ibonisa uphawu lokuphucuka. Siye sazinzisa imimandla ebalulekileyo yenkxaso kwezemfundo efana nothutho lwabafundi kunye nokutyiswa kwabantwana ezikolweni. Iincwadi zesikolo ziye zasiwa ezikolweni kwangethuba kuzo zonke izikolo kunyaka wokufunda ka-2012. Ekupheleni kuka-Janyuwari ka- 2012 zonke izikolo zithe zanikwa iincwadi zokufunda kunye nezokwenza umsebenzi.

Siye saphucula ukusebenza kothutho lwabafundi ngokuthi sitshintshe lo msebenzi usuke kwiSebe lezeMfundo uye kwisebe lezoThutho ukusuka kumhla we-18 ka-Julayi 2011. Kulo nyaka mali siwuphetheyo abafundi abangama-56 461 bathi bathuthwe basiwe kwizikolo ezingama-614 kweli phondo lilonke. Inkqubo yokutyiswa kwabafundi uthe wanikelwa ezikolweni, kwaye abazali badlala indima enkulu ekusebenzeni kwale nkqubo yokutyisa abafundi ezikolweni. Oku kuncede abafundi abangaphezulu kwama-1.6 ezigidi zabafundi kwizikolo ezingama-5 132 zeQuintiles 1, 2 kunye nesi-3 zizuza kule nkqubo kulo nyaka mali siwuphetheyo.

Malunga namalungiselelo, izithuba ezingama-64 752 ziye zakhutshwa kwangethuba nguMphathiswa ekupheleni kukaSeptemba ka-2011. Oko uzama ukujongana nemfuno ekhawulezileyo kwezemfundo apho kuqeshwe ootitshala abangama-305 ze basiwa kwizikolo ezinezifundo ezibalulekileyo kwiBanga le-10-12 phakathi kukaAgasti kunye noDisemba ka-2011. Inkqubo yokuchonga kunye nokufakwa kootitshala abongezelelekileyo ezikolweni zabo sele kuqaliwe.

Ekuphunyezweni kweCebo lokuPhucula ukuPhumelela koMfundi, siza kuqwalasela izikolo kunye neengingqi ezingasebenzi kakuhle ukusuka kunyaka ka- 2012 ukubheka pha. Kude kube sekupheleni siza kuqwalasela ukomelela kolawulo namandla okuphatha kunye neenkqubo ezikolweni kunye nakwiingingqi kunye nokwakha amanqanaba afanelekileyo okuhlola kunye nenkxaso.

Somlomo oHloniphekileyo, sizimisele ekuphuculeni imo yeziseko zemfundo, Ngoko ke, ngentsebenziswano kunye neSebe lesizwe leMfundo esiSiseko, singqale ekupheliseni izikolo zodaka kunye nezikolo ezingakhuselekanga kwiNkqubo yePhulo lokuKhawulezisa ulwaKhiwo lweZiseko zeZikolo. Kude kube ngoku, zingama-
49 izikolo ezithe zanikezelwa kubakhi kwaye ulwakhiwo sele luqalile ekuqaleni ekupheleni kuka- Janyuwari ka- 2012.

Somlomo oHloniphekileyo, eli Phondo liza kuphumeza iinkqubo zenkxaso, zona ezingqale kulutsha olungenamisebenzi ukuba lufumane izakhono ukuze lukwazi ukuxhasa iinjongo zethu zokukhulisa uqoqosho. Oku kuza kuquka iProjekthi yeNgcebo yezaKhono apho ulutsha olungenamisebenzi luzakubhaliselwa ukufunda umsebenzi lisebenza kunye nokungena kwiinkqubo zokuchule. Siyavuya ukunika ingxelo ethi uRhulumente wePhondo uthe watyikitya isiVumelwano seNtsebenziswa esixabisa ama- R20 ezigidi kunye nemerSETA ukuze kuphunyezwe ukufunda kusetyenzwa kunye nokufunda ubuchule kumaziko awohlukeneyo ephondo.

Eli Phondo lithe lanesivumelwano sentsebenziswano kunye nezinye ii-SETA, icandelo labucala kunye neeyunivesithi zasekuhlaleni ukuba zenze amacebo ezakhono ezifunwayo luqoqosho lwaseMpuma Koloni. Ukongeza apho, amasebe kweli phondo anikezela ngezibonelelo zemali yokufunda emayela nomyalelo wokukhawulelana nezakhono ezinqabileyo kwimimandla yabo yokusebenza.

Ukukhawulelana nale mingeni ethe yafunyanwa eWalter Sisulu Yunivesithi, siphucula inkxaso yethU, kwaye iqela labaPhathiswa abahlanu lisebenza kunye neenkokeli zamaziko emfundo ukuzama ukucazulula le mingeni. Siyaluxhasa utyalo mali olufunwayo liSebe lesizwe lezeMpilo ekuphuculeni ikwaliti kwanokwandisa iSikolo esiFundisa ngaMayeza saseWalter Sisulu Yunivesithi.

Somlomo oHloniphekileyo, sikwaqwalasele **ukuphucula kwemeko yezempilo kubantu beli phondo.** Le Ndlu iyazi ngokuqinisekileyo ngoku ukuba, ngokufanayo nakwezemfundo, sithe saseka isiCwangciso sokuJika izinto kwiSebe lezeMfundo. Eli phulo lingqale kakhulu ekubeni kupheliswe ubuqhetseba norhwaphilizo olukhulu; ekuphuculeni imfezeko yeenkqubo yolawulo lwemisebenzi kunye nokwakha ulawulo oluzinzileyo; ukunciphisa ityala kuhlalo mali; kunye nokuphucula ulawulo lwezimali jikelele.

UPhicotho zincwadi olusanda kwenziwa nguMphicothi ziNcwadi Jikelele lubonisa ukuba iinzame zethu zokujika izinto kwezeMpilo zibonakalisa iziphumo ezifanelekileyo.

Umzekelo, kunyaka mali ka-2010/2011, iSebe lezeMpilo lifumene uphicotho zincwadi olungalunganga, emva kweminyaka yokufumana imbono yokungazibandakanyi kompicothi zincwadi kunye neembono ezingonelisiyo. Mayela nolawulo lwemisebenzi, ulawulo lwamatyala olwaphulo mthetho oku kungcono. Kungoku nje amatyala ali-197 kwangama-254 olwaphulo mthetho kwizimali athe agqityezelwa. Kusenjalo, amatyala abandakanya ama-700 abasebenzi mayela nobuqhetseba norhwaphilizo axabisa ama-R800 ezigidi, athe axoxwa kwaye agqitywa. Kungenxa yolu londolozo oluthe lwasebenza sakwazi ukuphendula kwimimandla yamalungiselelo kwezempilo. Umzekelo, siye senyusa inani leenqwelo zezigulana ukusuka kuma- 56 ukuya kuma-356. Kwaye siye sabona unciphiso lokusweleka kubantwana nge- 7% kulo nyaka xa kuthelekiswa nakulo uphelileyo unyaka.

Mayela nenkqubo yeziseko zempilo, siye sayigqiba iprojethi yaManzi kwisiBhedlela saseMadwaleni. INdawo yokuHlala yaBongikazi kunye nendawo yaboNzakeleyo/iNdawo yeziGulana ezingalaliswayo esibhedlela kwisiBhedlela iVictoria iye yakhiwe. Iziko labonzakeleyo kunye nelikaxakeka kwisiBhedlela saseLivingstone lakhiwe. Ukwakhiwa kwendawo yokuhambisa iinkonzo kuquka neKholeji yaBongikazi eneNdawo yokuHlala kwisiBhedlela saseCecilia Makiwane kugqityiwe.

Siyazama ukulobela kwakhona abo banobuchule kwezeMpilo kwicandelo lezempilo kweli Phondo. Kangangendlela yokuba, ngoku ali- 1141 amaGosa ezoNyango, li-144 leengcaphephe, ngama- 2438 aboBongikazi kunye nangaphezulu kwe-1800 labaSebenzi bezeMpilo kuLuntu.

Siye sanikezela nangezibonelelo zokufunda kwaye sinabaphumelele izidanga abangama- 304 kwabo abali-115 bathe baqeqeshwa kwezonyango ze abali-110 baqeqeshe banezidanga kubongikazi. Nangona kunjalo, siye saphawula ngodano olukhulu sakufuma ukuba abanye boogqirha bethu abebefunda, ingakumbi abo bebethe bancedwa ngurhulumente ukuba bafunde, ukuba baye kusebenza emaphandleni. Nangona siza kuqhuba ukunika inkxaso, siza kubacela bonke bathe bafumana uncedo lokufunda kurhulumente ukuba balandele imiqathango efanelekileyo.

Izehlo ze-HIV, AIDS kunye neTB ziyalawuleka kwaye inqanaba lokuphawulwa kwe-TB liyakhula. Sisebenzisana neKwaZulu-
Natal, siye sanephulo lokujongwa kwe-MDR-TB emakhaya, kwaye ngenxa yoko izigulana ezingaphezulu kwama-2000 ziye zalawuleka. Ngokunjalo, inkqubo yogonyo iye yaphucuka kakhulu kule minyaka imbalwa idlulileyo.

Somlomo oHloniphekileyo, **ukuliwa kolwaphulo mthetho kunye norhwaphilizo** kuyaqhuba kwaye kuyaqiniswa macala onke. Siyavuya ukuva ukuba kukho ukwehla kulwaphulo mthetho kweli Phondo kule minyaka ilishumi edlulileyo. Amanani akutsha nje abonisa ukwehla kulwaphulo mthetho olwahlukileyo. Oku kubandakanya ukubulawa, ukuphantsi kubulawe, uqhekezo, ubusela beemoto kunnye nokuba nemipu engekho mthethweni. Nangona kunjalo, sixhalabile kukunyuka kwezehlo zolwaphulo mthetho kusetyenziswa isondo.

Siye sakhunjuzwa ngetyala lamantombi amabini aseFrankfort, udlwengulo ngasemva kummandla waseBhayi kunye nezinye ezininzi.

Ukudityaniswa kwabo babandakanyekayo kumba wokunqanda ulwaphulo mthetho kunye namaphulo okuluphelisa luye lwaqiniswa, kusetyenziswa amaphulo okuFundia uLuntu kunye noKwaziswa oluth lwenziwe kweli phondo liphela. Ukubekwa kwamapolisa kwimida kuba iLesotho nguwo ummandla obalulekileyo mayela nokubiwa kwemfuyo kunye namanye amatyala enziwa ngapha kwemida. Ukuphelisa oku, kukho ukufundiswa kwimimandla yebhoda kuyaqiniswa. Ngokufanayo, i- SANDF iza kuthatha kwiSAPS ulawulo olwenzeka kwimida ukusuka ku-01 Epril 2012. Siyakuqwalasela ukuxhobisa mayela nabasebenzi kunye nezixhobo. Intsebenziswano kunye neDPSA kunye nePALAMA, siye sathatha uxanduva lokuqinisekisa ukba amagosa alwa urhwaphilizo ayaqeqeshwa ukuze akwazi ukwenza amacebo kusiliwa urhwaphilizo. Siye sathetha neSAPS, SIU kunye neNPA ukuba isebenzise izixhobo ezikhoyo ukuqeqesha kuphando kunye nemiba yezomthetho emalunga norhwaphilizo kunye nobuqhetseba. URhulumente wePhondo uthe waphuhlisa inkqubo ye-intanethi yolawulo lwamatyala orhwaphilizo, apho idatha ithi ifakwe kwikhompyutha ze iingxelo zivelo. Oku kuthe kwasinceda ukuba sikwazi ukulandela amatyala kwaye kwenziwe nohlalutyo ngokuyimpumelelo. Siye sakheta iSebe lezeMpilo ukuba libe yindawo yephulo kule projekthi kusiliwa urhwaphilizo nobuqhetseba kusetyenziswa iQela leeArhente ezininzi eziSebenzayo phantsi kobunkokheli beSebe leSizwe leziMali.

USomlomo oHloniphekileyo, njengoko sele sichazile kufanele sikhawulezise uphunyezo lomsebenzi njengoko sisiya ekupheleni kwethuba lokuphatha ngo- 2014. Ngoko ke njengokuba siqhuba nomsebenzi **wokwakha iSizwe esiKhulayo,** siza kubeka *uxinzelelo kuphunyezo kunye nokusebenza kuba* ngaphandle kwenkcubeko yokuqala kusetyenziswe isicwangciso sethu siya kuhlala singenanto.

Kuphando mayela nokuphucula indlela yokuziphatha xa kusetyenzwa kurhulumente, iphondo liqinisa iinzame zalo ekutshintsheni inkcubeko yelungelo ekwenzeni izinto kunye nenkcubeko yokwazi abantu. Ukuphucula ukuphumelela kunye nokufezeka kwendlela esijonga ngayo inkqubo eqhuba iziphumo siza kujonga ukusetyenziswa ngokugqibeleleyo ukufumaneka kwezixhobo zokusebenza kunye nexabiso loko kwenziweyo ngemali. Xa sijonge ukugcina iinjongo zethu zokuphuhlisa kunye nokugcina isicwangciso esisebenza ngokugqibeleleyo, sokuhlola nokuvavanya amandla kuRhulumente wePhondo, ukusekwa kweKhomishini yeMpuma Koloni yoCwangciso kuye kwabhengezwa.

Siya qhuba ukusebenza sijonge ekuphuculeni ulawulo lwabasebenzi kweli phondo. Malunga noku, siye safuna ze sazisa iiNgcaphephe zeHR kwiSebe lezeMfundo kunye nelezeMpilo njengenxalenye yongenelelo lwethu. Ukongeza apho inkqubo yephondo yePMDS ithe yaphinda yahlelwa ukuqinisekisa ngolawulo olungcono kumasebe.

Omnye umba ongundoqo kutshintsho lwecandelo karhulumente kukuphumelela kolingano ekuqesheni. Kungoku nje, sixhalabile linqanaba leeNkonzo eziPhezulu zoLawulo, amadoda enze ama-69% kanti abasetyhini benza ama- 31%, kwaye oku kufuneka kujike.
Nangona kunjalo, siyavuya xa sinika ingxelo ethi zonke izithuba zeeNtloko zamaSebe zizalisiwe, kwaye abane kuzo ngabasetyhini. Siyalincoma iSebe lezoPhuhliso loLuntu kunye neeNkqubo zabuCala ekuphumeleleni ama-50% ebezisekiwe kwizithuba zolawulo oluphezulu.

Siyiqwalasele ukuba kukho umngeni omdala malunga namasebe afana neSebe lezeNdlela kunye neMisebenzi kaRhulumente kunye nezoThutho abasesemva ekufumaneni ulingano olulindelekileyo. Siqwalasele ngokubanzi ukuba inqanaba le-11 kunye nele-12 athi ase abasetyhini kwinqanaba le-SMS, abasetyhini benza ama-42% zabasebenzi. Xa siqwalasele le meko, uLawulo lwesiGqeba luye lwahlela uMgaqo Nkqubo kunye neCebo lePhondo lolingano kwingqesho ukuze kuphunyezwe imilinganiselo engqingqwa ejonge ekukhuliseni ukuqondwa umgomo kumanqanaba olingano.

Somlomo oHloniphekileyo, siye senze inkqubela mayela namalungiselelo kwinkxaso ebonakalayo kurhulumente wasekhaya.
Siya zama ukunika inkxaso koomasipala abaninzi kwinkqubo yokuvala izithuba ezibalulekileyo ezifana naBaphathi booMasipala kunye namaGosa amaKhulu ezeziMali.

Amasebe amaPhondo athe anikwa inyanga kaSeptemba njengenyanga engqale kwi-IDP ukuba aqinisekise ukuba bonke

abaPhathi abaKhulu bayaya kwiinkqubo ze-IDP zeeNgingqi kunye nezikwinqanaba looMasipala abakhulu.

Siye sachitha ama-R32,9 ezigidi kwiinkqubo kuxhaswa amangenelelo amaninzi okuphumeza iCebo lokuJika izinto kuRhulumente waseKhaya. Ingakumbi, kwixesha lolawulo eligqithileyo lorhulumente wasekhaya, siye senza amaphulo ongenelelo amaninzi phantsi kweCandelo le-139 kunye nele-154 oMgaqo siseko kumasipala wasekhaya eKoukamma, eSundays River, e-Amahlati, eNxuba, eNgcobo, eBuffalo City, eGariep, Great Kei, e-Inxuba Yethemba, eKouga, eMbashe, e-Ikhwezi, e-Mbizana, kunye nakuMasipala weNgingqi yase-Alfred Nzo. Kangangendlela yokuba, inani laba masipala bathe bazinziswa kwaye basebenza bengaxhaswa banzi.

Njengenxalenye yesicelo sethu sokuphumelela uphicotho zincwadi olucocekileyo koomasipala, inkxaso kulawulo lwezezimali ngentsebenziswano kubandakanywe iSebe loRhulumente wasemaKhaya kunye nemiCimbi yeMveli, iSebe lezeziMali, iSALGA, uRhulumente waseKhaya i-SETA kunye nePALAMA. Le ntsebenziswano iqwalasela ekunikezeleni ngoqeqesho malunga nawo onke amathuba avulekileyo abonwa njengabalulekileyo, kuqukwa uLawulo lokuThenga izinto zikaRhulumente. Olu ngenelelo luza neziphumo ezinqwenelekayo, njengoko ziboniswa kukuhamba kancinci kuphicotho zincwadi ukusuka ekukhanyeleni okukhulu ukuya kwengamkelekanga de kufikwe kokulungileyo.

Kwiziphumo zophicotho zincwadi kumasebe karhulumente, kunyaka mali ka- 2010/2011, isebe elinye liye lafumana uphicotho zincwadi

olungenachaphaza; asixhenxe amasebe afumene uphicotho zincwadi olulungileyo; amahlanu afumana ingxelo engalunganga; elinye liye lafumana ukungazibandakanyi komphicothi zincwadi.

Malunga nezimali zikarhulumente kwiphondo, oko uMphathiswa wezoCwangciso kunye neziMali uza kuthetha ngako kwintetho yakhe yohlahlo mali, kwaye sixhalabile yinkcitho mali eqhubayo kwimbuyekezo yemali kubasebenzi, ingakumbi kwisebe lezeMpilo kunye nelezeMfundo. Ewe, amanyathelo aqatshelwe okuphelisa unxinzelelo kwinkcitho mali angaphezulu kokuqonda kwaye aza kuphunyenzwa ngemilinganiselo enzima emininzi. Nangona kunjalo, ukungakwazi kwamanye amasebe ukuchitha imali ehlahlelwe iziseko isele ingummandla ofuna ukuqwalaselwa ngamandla. Njengendlela yokhawulelena noku, sesiqalisile ukuseka indawo ehlangeneyo yokwenziwa kweziseko kwiSebe lezeNdlela kunye nemiSebenzi kaRhulumnente. Njengenxalenye yeenzame zokwakha isizwe, siye saluthathela kuthi ulawulo lonke lwezithuthi zikaRhulumente ukuqala kumhla wo-1 kaFebruwari 2012.

Xa silandlea iLekgotla yesiGqeba soLawulo ka-Agasti kulo nyaka uphelileyo, siye sapapasha ukuba siza kuthatha amanyathelo okuthintela abasebenzi bakarhumente okuba benze ushishino norhulumente. Isikhokelo esibonisa uphunyezo lwale njongo luyagqityezelwa.

Somlomo oHloniphekileyo, ndiyazi ukuba ixesha lamalungu akhoyo eNdlu yePhondo yeeNkokheli zeMveli liza kuphela kulo nyaka mali uzayo. Ndinqwenela ukuthatha elithuba lokubulela ingakumbi amalungu kunye neziko leenkokheli zemveli ngokubanzi, kwindima

abathe bayidlala ekusekeni iiKhansile zeMveli zeNtando yemveli, kunye nephulo lokunciphisa izehlo zokufa kwabakhwetha.

Ekwakheni uluntu oluhlangeneyo nolunozinzo, ewe imibhiyozo yeminyaka elikhulu ye-ANC isinika ithuba lokuqwalasela ukwakhiwa koluntu ukusuka kwimbali enkenenkene yobukhoboka kunye nocalulo. Kufanela ukuba sazi malunga nesiseko soxanduva lwabemi kuxhatshazo lweziyobiso kunye norhwaphilizo kwaye sinqwenela ukwakha abemi abaqiqayo.

Kude kube ngoku, siyakhunjuzwa kwaye sivuselelwa ngamazwi omangameli wokuqala weAfrican National Congress, uMfundisi John Langalibalele Dube kwintetho yakhe yokwamkela isikhundla, xa waye sithi: "Siye saqatshelwa lihlabathi njengohlanga olululamileyo – abaziwa njengabanemfezeko, … kwaye ngokulunga kwezenzo zethu…, kunye nokubekeka kwezimilo zethu siya kudiliza iindonga eziluqilima zocalulo ngobuhlanga ze sinyanzele iintshaba zethu ukuba zisithande kwaye zibe ngabahlobo bethu."

Kukule ntlalo apho sifuna ukwakha – uluntu olungafuni kuba lingqina ukubona umntu efakwa endlaleni kunye noluntu oluxhatshazwa zizehlo zokushiyeka kweentsapho kunye namakhaya axhomekeke ebantwaneni.

Njengendlela yokukhuthaza ukuhlangana koluntu, kukho iiprojekthi ezininzi ezimalunga namafa apha eMpuma Koloni ezizakugcinwa. Ezi projekthi zibandakanya iziko lamafa iSteve Biko eGinsberg eseQonce, amakhaya kunye namangcwaba ooMongameli bangaphambili kunye namaqhawe abandakanya uRobert Sobukwe,

kunye nophuhliso lweendawo zezikhumbuzo kwiMfazwe yamaMpondo kunye nendawo yeeMfazwe zeMida. Ezi projekthi ziya kufaka igalelo kumaphulo ethu kulo mba, kuqukwa iNdlela yeNkululeko yePhondo; isiKhumbuzo seNyhikityha yokufa eBhisho yona ekwinqanaba kokugqityezelwa ukwakhiwa; inkqubo yokutshintsha amagama kwiPhondo; uMbhiyozo woMculo e-OR Tambo, obekelwe uOktobha 2012, ozakuthi uhlanganiswe nosungulo lwesifundo sesikhumbuzo; kunye nokukhawuleziswa kweProjekthi yoPhuhliso yaseNkantolo. Siyavuya xa sichaza ukuba iPhondo eli liza kusungula iphulo elingundoqo elaziwa ngokuba yi"likhaya lamaqhawe" ukubhiyozeloa indima edlawe ngamaqhawe aphilayo, afana noNelson Mandela, kunye nabanye ababalulekileyo.

Njengenxalenye yokukhuthaza inkcubeko yokhenketho kweli phondo, siza kwenza umbhiyozo weSDI Wild Coast kunye nezinye iiprojekthi zobugcisa nenkcubeko. Siyavuya ukuchaza ukuba kule minyaka mihlanu ezayo, iiMbasa zeSATMA ziza kubanjelwa apha eMpuma Koloni.

Siza komeleza iinzame zokukhuthaza imidlalo, ubugcisa kunye nenkcubeko ezikolweni kwaye lo msebenzi uxhaswa ngesibonelelo semali esixhomekekileyo. Iqumrhu lolwimi lomjekulo i(Masithethe) kunye nomgaqo siseko wolwimi lomjekulo ziphuhlisiwe. Njengoko umgaqo nkqubo weelwimi usungulwe, siza kugqibezela inkqubo yokubhengeza uMthetho oYilwayo weeLwimi.

Somlomo oHloniphekileyo kunye namalungu, nceda nindincendise xa sivuyisana namadoda nabasetyhini beli Phondo abathe bazibalula kwezemidlalo, ubugcisa kunye nezinye iinxaxheba ezimayela noko.

UBulelwa Mkutukana, owaziwa ngegama loku nguZahara, ongummi waseMzantsi Afrika kunye naseAfrika othe wabalasela kumculo engowasetyhini; uNoni Tenge othe wathweswa imbasa yeIBF World Welterweight Champion kwaye wabangogqwesileyo kubadlali manqindi kwabasetyhini kulo nyaka uphelileyo; Amantombazana eBhoda kwiRugby Sevens, athe aphumelela ukuba ziiNtshatsheli zeSizwe; kunye neqela labangaphantsi kweminyaka engama-21 kwiBhola yoMbhoxo kwiBhoda, abathe baphumelela kwiLeague yeSizwe kwaye anyuselwa aya kwiPremier League. KwezemiDlalo yaseSA ebibanjelwe eLimpopo kulo nyaka uphelileyo, eli phondo liqokelele iimbasa ezingama-74, apho kubekho ezegolide ezingama-23, iisiliva ezingama-21, kunye nezeBronzi ezingama-30.

Elo kuqukumbela Somlomo oHloniphekileyo, njengokuba sisiya ekupheleni kwethuba lokuphatha kukarhulumente ku- 2014, siza kuqhuba ukuhlenga hlengisa eli phondo kuphuhliso lobume besizwe kubandakanywe iinzame ezintsha zokuphucula ubume bephondo, kusakhiwa kwaye kujongwe kwimbono enye kwanokukhuliswa kothethwano loluntu kuyo yonke imimandla yeemfuno zoluntu. Oku kuza kufuna intsebenziswano ukuze sizuze lukhulu.

Ndiyabulela